# ISAZISO SIKAWONKEWONKE
# INKQUBO YOLWABIWO LWAMALUNGELO OKULOBA (NLML)

**UMphathiswa weSebe lezoLimo, amaHlathi nezokuLoba uMs Tina-Joemat-Pettersson wandise inkqubo yokukhupha ifomu zolwabiwo nokulawulwa kwamalungelo okuloba ukuqinisekisa ukuba abantu abafuna ukufaka izicelo bafumana ingcaciso eyiyo ngoluhlelo nendle eyiyo yokufaka incukacha kwezifomu nokwenza ukuba ifomu zifumaneke jikelele. Abantu abanqwenela ukufaka izicelo ziyafumaneka ifomu kwakunye nomgaqo-nkqubo kumacandelo asibhozo ezokuloba kwezindawo zibandakanyiweyo apha ngezantsi. Amacandelo abandakanyekayo ngu Mnatha oMkhulu wokuLoba iProni wakwaZulu-Natal, UKrebe i-Demersal, Iskwid, i-Tuna Pole-Line, i-Hake Handline, i-Mbaza eziMhlophe, iMbatyisi, kunye ne Traditional Linefish.**

1. **Isimemo sokufaka isicelo sala malungelo kwakunye nomgaqo-nkqubo jikelele, umgaqo-nkqubo ogqalileyo wecandelo ngolwabiwo nokulawulwa kwamalungelo okuloba, umzekelo wefomu yokufaka isicelo kwakunye namanqaku engcaciso ashicilelwe kwiPhephandaba loMbuso (Government Gazette) elinguNombolo 36675 lomhla we-17 kweyeKhala (Julayi) yowama-2013 (iSaziso 750 naeSaziso 751).**
2. **Inkqubo eyongezelelweyo yokunikezelwa kwezicelo njengoko kucwangciswe kwiThebhile yo-1 iza kuqalisa ngoMvulo, umhla wama-26 kweyeThupha (Augusti) ngentsimbi ye-08h00 ize ivalwe ngoLwesihlanu, umhla we-06 kweyeThupha (Septemba) yowama-2013 ngentsmbi ye-16h00.**
   2.1. Abantu abanqwenela ukufaka izicelo zamalungelo okulobela ukushishina kula macandelo angentla mabathathe oku kulandelayo bakuselinye lamaziko onikezelo adweliswe kwiThebhili yo-1 ngezantsi:
   **(i) incwadi yesazisi yomntu ozokuthatha ifomu nekopi yephepha lokuqala lesazisi salo mntu;**
   **(ii) ukuba ngaba ifomu yokufaka isicelo ilandwa ngomnye umntu egameni lomfaki-sicelo kufuneka incwadi (ileta) enika lowo uyilandayo igunya kunye nekopi yesazisi salowo uyilandayo neyomfaki-sicelo okanye amaxwebhu okubhalisa.**

   2.2. Abafaki-zicelo kuyakulindeleka ukuba banikezele ngeedilesi zabo zeposi, umnxeba, ifaksi neenombolo zeselula kunye nedilesi ye-imeyle.

Isaziso sikawonkewonke malunga nemihla yenkqubo yokwamkela siza kukhutshwa apha ekuhambeni kwethuba.

# ISHEDYULI YAMAZIKO OKUNIKEZELA E- NLML

| NO. | INDAWO | IDILESI | UMHLA NAMAXESHA OKUNIKEZELWA |
|---|---|---|---|
| 1 | E-PORT NOLLOTH | Kwi-ofisi yeFishery Compliance, Court Building, Beach Road, ePort Nolloth | ngoMvulo, 26 August 2013 ukuya ku Lwesihlanu, 06 September 2013 ukususela ngo 08:00 uyokuma ngo 16:00 (iveki ezimbini) |
| 2 | E-HONDEKLIPBAAI | kwiHolo yoLuntu i-Eric Baker, Dolpin Str, eHondeklip Bay | |
| 3 | E-LAMBERTS BAY | Kwi-ofisi yeFishery Compliance Office, kwiZibuko laseLamberts Bay | |
| 4 | ELANDS BAY | Kwi-ofisi yeFishery Compliance, Jetty Road, e-Elands Bay | |
| 5 | E-PATERNOSTER | kwiHolo yoLuntu yasePaternoster, St Augustine Str, ePaternoster | |
| 6 | E-SALDANHA | Kwi-ofisi yeFisheries Compliance, kwiZibuko i-Pepper Bay, eSaldanha | |
| 7 | EKapa | Kwi-ofisi zeSLHL (DAFF), Foretrust Building, Martin Hammerschlag Way, eForeshore, eKapa | |
| 8 | E-HERMANUS | Kwi-ofisi yeFisheries Compliance, 248 Still Street, eHermanus | |
| 9 | E-MOSSEL BAY | Kwi-ofisi yeFisheries Compliance, 64 Bland Street, eSearlor Manor, eMossel Bay | |
| 10 | E-JEFFREY'S BAY | Kwi-ofisi yeFisheries Compliance, No 16 Woltemader Street, eJeffrey's Bay | |
| 11 | EBHAYI | Kwi-ofisi yeFisheries Compliance, 21 Stanley Street, eCentral eBhayi | |
| 12 | EMONTI | Kwi-ofisi yeFisheries Compliance, Latimer's Landing, East London Harbour, eMonti | |
| 13 | ESAJONISI | Kwi-ofisi yeFisheries Compliance, 433 Bridge Street, eSajonisi | |
| 14 | E-DURBAN | Kwii-ofisi zeKZN Wildlife, 25 Stellawood Road, Umbilo | |
| 15 | E-RICHARD'S BAY | Kwii-ofisi zeKZN Wildlife,likona zeKrewingkin & Anglers Road, PnP Centre, eRicahrd's Bay (next to Shell Garage) | |
| 16 | NELSPRUIT | eMbombela Library Hall, White River, Nelspruit | |
| 17 | POLOKWANE | ePolokwane City Library Hall, 71 Hans Van Rensburg Street, Polokwane. | |
| 18 | BLOEMFONTEIN | eLori Park Library Hall, Corners of Doringkiaat & Nanbessie Streets, Lori Park, Bloemfontein | |
| 19 | MAFIKENG | eMafikeng Museum, Corners of Karrington & Martin Streets, Mafikeng | |
| 20 | PRETORIA | Kwi – Ofisi zika DAFF, Agriculture Place, Reception Area, 20 Steve Biko Street, Pretoria | |

agriculture, forestry & fisheries
Department: Agriculture, Forestry and Fisheries
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**Ukuba unemibuzo tsalela inombolo yomnxeba woncedo 021 402 3576**